## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (40) |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide | (20) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-60 ubuncinci bexesha KWICANDELO A, imizuzu engama-30 KWICANDELO B uze usebenzise nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
   Qaphela: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.


10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isincoko sibe siNye kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-150 ukuya kuma-180.

### UMBUZO 1

1.1 Bhala isincoko ngeelwimi zoMzantsi Afrika.




**[40]**

1.2 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



**[40]**

1.3 Bhala isincoko esiphela ngala mazwi: 'Bekumnandi kakhulu ukutyelela kuloo fama.' **[40]**

1.4 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



Ukuthengisa iziqhamo nemifuno esitalatweni.

**[40]**

1.5 Ubuye kuchitha imini kwindawo yomsebenzi owuthandayo. Bhala isincoko ngale mini.




**[40]**

1.6 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.




**[40]**

1.7 Bhala isincoko ngesi sihloko: 'Kumnandi ukuba nabahlobo.' **[40]**

1.8 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.




**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana omde ube Mnye kule ilandelayo. Bhala ama-60 ukuya kuma-80 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

### UMBUZO 2

2.1 **INGXOXO**

Bhala ingxoxo phakathi kwakho nomhlobo wakho ngento ekukhathazayo. **[20]**

2.2 **ILETA YOBUHLOBO**

Emva kokufumana ilayisensi yokuqhuba, abazali bakho bakuthengele imoto. Bhalela umhlobo wakho ileta umxelele ngezi ndaba.



**[20]**

2.3 **ILETA ESEMTHETHWENI**

Ayikho ipaki yokudlalela kwindawo ohlala kuyo. Bhalela umphathi kamasipala ileta ukhalaze ngale ngxaki. **[20]**

2.4 **IRIVYU**

Wena ugqiba kufunda incwadi oyithandileyo. Bhala irivyu ngale ncwadi. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube Mnye kule ilandelayo. Bhala ama-40 ukuya kuma-60 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

**UMBUZO 3**

3.1 **IPOSIKHADI**

Yila ubhale iposikhadi eya kubazali bakho ubaxelele ngamava akho kukhuphiswano lweCoca Cola Popstars.




**[20]**

3.2 **ISIMEMO**

Yila uze ubhale isimemo esiya kumhlobo wakho ummeme ukuba eze kwitheko lokuvuyisana nabazali bakho abagqiba iminyaka engama-20 betshatile.




**[20]**

3.3 **IFLAYA**

Yila ubhale iflaya oza kuyinika abantu emalunga nomsebenzi wakho wokuhlamba iimoto.




**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 80**